

# Ukufunda ngokwamaqela ngoncedo lukatitshala

## Phambi kokufunda

- Tyhila ibali abaza kulifunda. Thetha ngemifanekiso.
- Cela abafundi baqashisele ukuba lingantoni na ibali ngokujonga kwizihloko nemifanekiso.
- Cacisela abafundi amagama amatsha okanye anzima phambi kokuba baqalise ukufunda.
- Yenza amakhadi amagama ukufundisa isigama esitsha. (Jonga uluhlu lwesigama esitsha kumphakathi woqweqwe lwangasemva.)

## Xa kufundwa okokuqala

- Abafundi mabafunde incwadi ngabanye-ngabanye.
- Abafundi mabafunde ngokuthe cwaka okanye bafunde incwadi ngokusebeza.
- Yiya kumfundi ngamnye umcele ukuba afunde umhlathi encwadini ekhwaza.


## Ingxoxo

- Buza imibuzo evavanya ukuqonda esekelwe encwadini.
- Gxininisa kwizandi, amagama angaqhelekanga okanye anzima nakwisigama.
- Uya kufumana imisebenzi engemva kule ncwadi iluncedo ekukhokeleni ingxoxo. (Khetha imisebenzi elungele umgangatho wabafundi).

## Xa kufundwa okwesibini

- Kwiintsuku ezilandelayo, bayeke abafundi bafunde kwakhona, ngababini okanye emnye.
- Gxininisa ekufundeni kakuhle, igrama nesigama.
- Bayeke abafundi bagqibezele imisebenzi equkwe ngemva kule ncwadi ngokwamaqela. Khetha imisetyenzana efanele umgangatho wabafundi.

*Abafundi mabenze umdlalwana ukuba incwadi iyakuvumela oko.*





*Abafundi mabenze imisebenzi yokufunda ngokwamaqela emva kwesifundo. Bayalele abafundi basebenze ngokwamaqela benze imisebenzi efanelekileyo yokufunda ngokwamaqela efumaneka ngemva encwadini. Mabangabhali kule ncwadi. Imisebenzi ebhalwayo mayenziwe kwiincwadi zabo zemisebenzi.*

Zonke iitshomi zikaBheki zineebhayisekile. UBheki wayenqwenela ukuba abe nayo naye. Wayebukela xa iitshomi zakhe zikhwele iibhayisekile zisiya esikolweni. “Owu! Ndinqwenela ukuba nebhayisekile nam”, watsho uBheki.



UBheki wathi akuba neminyaka esibhozo, umama notata wakhe bamthengela ibhayisekile ebomvu ngomhla wakhe wokuzalwa.



UBheki wayevuya kakhulu. "Wowu!" wakhwaza evuya kakhulu. "Kunini ndifuna ukuba nebhayisekile! Ngoku ndiza kukhwela nabahlobo bam".

UBheki wayevuya kakhulu. Wayitsibela kwangoko ibhayisekile yakhe, kodwa wawa phantsi!

Ubheki ebesoloko esiwa njalo xa ezma ukukhwela ibhayisekile yakhe.

UBheki wayengakwazi ukukhwela ibhayisekile.



Wayithatha ibhayisekile yakhe wayiqhubela egumbini lakhe lokulala. Wayimisa ecaleni kwebhedi yakhe. Yonke imihla wayeyipolisha ukuze icwebezele.

UBheki wayijonga ibhayisekile. "Kudala ndinqwenela ukukhwela ibhayisekile, ndiza kuthini?" wacinga njalo. "Kufuneka ndenze icebo".

"Bheki, yiza ukhwele nathi", zamkhwaza iitshomi zakhe.


"Ndisapolisha ibhayisekile yam", utshilo uBheki.

"Kutheni ungayi phandle ukuze uyikhwele neetshomi zakho?" wabuza umama kaBheki.

"Ndilungisa ihutara", utshilo uBheki.



UBheki akazange axelele namnye umntu ngehlebo lakhe. Wayengakwazi ukukhwela ibhayisekile.



Rhoqo ebusuku uBheki wayesiya egadini, azame ukukhwela ibhayisekile yakhe xa kungekho nomnye umntu ombonayo.

Kodwa usizi olunguBheki lwalusiwa oko. Kungekudala wasikeka futhi wagruzuka.



Ngobunye ubusuku, umhlobo wakhe uJane wambona uBheki ezama ukukhwela ibhayisekile.

"Bheki!" wambiza. "Yima ndiyibambe ibhayisekile ukuze wena ukhwele".



UJane wabamba ibhayisekile waze wabaleka emva koBheki.

Wawa kanye, wawa kabini, akaphindanga awe kwakhona.

"Ndiyakwazi ukuzinza ngoku, ndiyakwazi ukukhwela!", wakhwaza watsho uBheki.



UBheki wabalekisa, wabalekisa kakhulu. UJane naye wabaleka emva kwakhe.

Inja yakhe uBhobhi yayibaleka ecaleni kwakhe.

"Yhee!" wakhwaza uJane. "Yhee!" wangxola watsho uBheki ekhwele ibhayisekile yakhe ekhanyiselwe yinyanga.



Kusuku olulandelayo, uBheki wakhwela ibhayisekile yakhe nabahlobo bakhe ukuya esikolweni. Wavuya kakhulu ngokunganikezeli.

Ukuba ekuqaleni awuphumeleli, zama kwakhona kuba umzingisi akanashwa!



# Imisebenzi yokufunda ningamaqela




1 Jonga imifanekiso.
Xelela umhlobo wakho:

- kwenzeka ntoni kumfanekiso ngamnye.
- ngowuphi umfanekiso ekufuneka ube ngowokuqala, ngowesibini nowesithathu.
- sithini isihloko esiphantsi komfanekiso ngamnye.




| | | |
|---|---|---|
| UBheki uye esikolweni ngebhayisekile yakhe. | UJane uncede uBheki ekukhweleni ibhayisekile yakhe. | Abazali bakaBheki bamthengele ibhayisekile. |





2 Fundela itshomi yakho ezi zivakalisi zilandelayo.
Dwelisa izivakalisi ngendlela efanelekileyo.


a. UBheki waya esikolweni ngebhayisekile yakhe.
b. UBheki wayenqwenela ukuba nebhayisekile.
c. UJane wanceda uBheki akwazi ukukhwela ibhayisekile.
d. UBheki wayengakwazi ukukhwela ibhayisekile.
e. UBheki wafumana ibhayisekile ngomhla wakhe wokuzalwa.



3. Sebenzisa izandi ukugqibezela amagama ukuze ahambelane nemifanekiso.

| t | s | ngc | x | ty | bhl |
|---|---|---|---|---|---|

| | | |
|---|---|---|
|  |  |  |
| i____a | izi____ena | i____ele |
|  |  |  |
| i____esha | ii____oko | intya____ambo |



4. Khuphela kwincwadi yomsebenzi isivakalisi sesibini sebali ukusuka ekugqibeleni. Zoba umfanekiso ukubonisa esi sivakalisi.



5. Xoxani ke ngoku ngeli bali.

a. Kwenzeka ntoni ekuqaleni?
b. Kwenzeka ntoni embindini?
c. Liphela njani ibali?



6 Phendula le mibuzo ilandelayo.

a. Sithini isihloko sebali?
b. Ngoobani abadlali abaphambili kweli bali?
c. Kutheni ucinga ukuba uBheki wayeneempendulo ezininzi xa iitshomi zakhe zimbizela ukukhwela ibhayisekile?
d. Wenza eliphi icebo uBheki ukuze afunde ukukhwela ibhayisekile?
e. Ucinga ukuba uJane wayeyitshomi elungileyo? Kutheni usitsho nje?
f. Leliphi elinye igama elithetha 'itshomi'?
g. Ngowuphi umbuzo ofuna ukuwubuza kutitshala wakho malunga nebali?



7 Yiba ngathi unguBheki. Bhala ikhadi lombulelo eliya kuJane umbulele ngokukunceda kwakhe.

ENKOSI



__________ endimthandayo

________________________

________________________

________________________

________________________

________________________

________________________

Lisuka ku: ______________

Inqanaba: 3

# Incwadi 1

| | |
|---|---|
| Isihloko: | Ibhayisekile entsha kaBheki |
| Ulwimi: | IsiXhosa |
| Inqanaba: | Incwadi yokufunda yoLwimi Lweenkobe yeBanga lesi-2 Incwadi 1 Inqanaba 3 |
| Uhlobo lwencwadi: | Ibali |
| Amagama ajongwayo: | oko, njalo, uya, kakhulu, wazi, nabani na, kutheni, ngasemva, emva koko |
| Isigama: | unqwenele, umhla wokuzalwa, vuyisa, ngxolisa, ngqo, polisha, ihlebo, tya, ingca, ukuzinza, ukukhanya kwenyanga |
| Izandi: | bhl, ntsh, ng, kh, v, hl, b, nqw, ngx, ngq, gr. |
| Umxholo, amagama nezakhono: | ▪ Khuphela isivakalisi esisebalini encwadini yakho uze uzobe umfanekiso obonisa eso sivakalisi.<br>▪ Balisa ibali libe nesiqalo, isiqu nesiphelo.<br>▪ Funda uze uphendule imibuzo yovavanyo lokuqonda.<br>▪ Bhala ikhadi lombulelo. |

Inkqubo ye-CAPS igunyazisa ukuba ootitshala babe nexesha abalibekela bucala ngosuku ngalunye, kulungiselelwa ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala.

ukufunda ngamaqela encediswa ngutitshala kujolise ekubeni abafundi abakwinqanaba lokufunda elifanayo bafunde isicatshulwa esifanayo ngoncedo lukatitshala.

Utitshala kufuneka enze isicwangciso sokufunda esiquka iindlela zobuchule bokufunda nokuqonda amagama, zokuxhobisa abafundi xa befunda.

Ezi ndlela zobuchule ziquka "incoko ngebali" ephakathi kukatitshala nabafundi, nephakathi kwabafundi emaqeleni abo. Ezi ncwadi ziqulethe iqela lemisebenzi malunga nezi "ncoko ngebali", ukuqonda neminye enokunceda ootitshala ekukhokeleni ukufunda ngokwamaqela emagumbini abo.

## Ezinye iincwadi ezikwithala leencwadi zeBanga lesi-2 zoLwimi Lweenkobe

### Inqanaba: 1

- USisi unomhlobo omtsha
- Kunzima ukuba yinja
- Mhla iqwarhashe lanemigca
- UNdlulamthi uyakuthanda ukufunda

### Inqanaba: 2

- UBubu ulahlekile
- Benza njalo abahlobo
- Intshontsho ledada elibi

### Inqanaba: 3

- Ibhayisekile entsha kaBheki
- Izilwanyana ziya elwandle
- Tshotsh' ubekho Mnenga

ISBN 978-1-4315-2617-8

9 781431 526178

Rainbow WORKBOOKS

ISBN 978-1-4315-2617-8

**THIS BOOK MAY NOT BE SOLD.**

basic education

Department:
Basic Education
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

Published by the Department of Basic Education
222 Struben Street, Pretoria
South Africa

© Department of Basic Education
First edition 2016

The Department of Basic Education has made every effort to trace copyright holders but if any have been inadvertently overlooked, the Department will be pleased to make the necessary arrangements at the first opportunity.